

Ukumelana Neentlungu Zokukhula

Ukufikisa ngamahlandinyuka, kwaye oko akuyonto isoloko imnandi. Ngaba ufuna uncendo? Funda ngoko kuthethwa lolunye ulutsha, uze uphendule imibuzo elandelayo.

1

Ngaba ukuqalisa ukufikisa nokukhulela ebuntwini obudala

KWAKUVUYISA, KUSOYIKEKA OKANYE KUZIZO ZOMBINI?

Yintoni eyona nto wawuyoyika xa wawuqalisa ukufikisa?

“Ukufikisa akuyonto imnandi kumantombazana. . . . Kuyadida ibe yonke into ngako ibonakala imbi!”—UOksana.

2

Xa wawuqala ukufikisa, ngaba wawusiba neemvakalelo ezitshintshatshintshayo? Ukuba kunjalo, zazinjani?

Yintoni onokuyenza ukuze ukwazi ukulawula iimvakalelo zakho?

“Ndandisonwaba ngoku, ngomzuzu olandelayo ndibe buhlungu. Andazi nokuba yinto eqhelekileyo naleyo kubafana, kodwa yenzeka kum.”—UBrian.

3

Ukufikisa kuye kwayitshintsha njani indlela owujonga ngayo umzimba wakho?

Yiyiphi indlela efanelekileyo onokuwujonga ngayo umzimba wakho?

"Xa ndandiqalisa ukukhula, ndandidla ngokuziyekelela ndinxibe nezipika ezikhulu. Nangona ndandisazi ukuba umzimba wam wawutshintsha, ndandingakhululekanga ibe ndandineentloni. Ndandingade ndiyiqhele le nto."—UJanice.

4

Ukufikisa kuye kwayichaphazela njani indlela obajonga ngayo abesini esahlukileyo?

IBhayibhile ithi: "Sabani kulo uhenyuzo." (1 Korinte 6:18) Kutheni lo mthetho ulungile, ibe unokwenza ntoni ukuze uqiniseke ukuba uphila ngawo?

"Ndayeka ukucinga ukuba bonke abafana bayakruqula. Abanye babo babenomtsalane kwaye ukuthanda umfana kwakungeyonto imbi kangako. Kunoko, ukuthandana kwabantu yaba yeyona nto ekwakuncokolwa ngayo."

—UAlaxis.



5

Nangona kunzima, kutheni kukuhle ukuthetha nabazali bakho (okanye omnye umntu omdala omthembileyo) ngobunzima ojamelana nabo xa ufikisa?—**Funda IMizekeliso 17:17.**

“Ndandingumntu owayengathethi ngeemvakalelo zam. Akwaba ndandikwazile ukuncokola nabazali bam. Ngendandiyinandiphe ngakumbi iminyaka yam yokufikisa.”—UJeremy

Ngubani umntu omdala okhululekayo kuye xa uthetha naye?

6

Ukuza kuthi ga ngoku, abazali bakho baye bakunceda njani wamelana notshintsho lokufikisa?

Yintoni enye ongathanda abazali bakho bakwenzele yona?


“Ukufikisa kwakulixesha elinzima, ibe ngekukubi kakhulu ukuba ndandinalufumanga uncedo kubazali bam. Umama wandixelela ukuba wayeza kusoloko endixhasa ibe ndandinokucela uncedo nanini na kuye.”—UKarina

"Ndingamxelela umntu oqala ukufikisa ukuba kusenokubonakala kuyinto enku- lu okwangoku. Kodwa kokokwexeshana nje xa ukuthelekisa nobomi bakho bo- nke. Linganaba apho umntu esuka ebu- ntwaneni esiba ngumntu omdala."

—UDavid.

7

Liliphi icebiso onokulinika umntu oqalisa ukufikisa?



Buza Abazali Bakho

Enoba uyayikholelwa loo nto okanye akunjalo, abazali bakho babekhe bamelana notshintsho omelana nalo ngoku. Yiyiphi imibuzo emibini ongathanda ukubabuza yona ngendlela abamelana ngayo nokufikisa? Bhala imibuzo. Sika ibhokisi. Bonisa abazali bakho.

1

2

